

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
TITUS 1	TITUS 1
1:1 UPawulos, umkhonzi kathixo, umpostile ke kaYesu Kristu, ngokokholo lwabanyulwa bakaThixo, nokuyazi inyaniso engokokuhlonela uThixo;	1 Paul, a servant of God and an apostle of Jesus Christ for the faith of God's elect and the knowledge of the truth that leads to godliness—
1:2 ngethemba lobomi obungunaphakade, awathi uThixo, ongenakuxoka, wabubeka idinga ngaphambi kwamaxesha angunaphakade,	2 a faith and knowledge resting on the hope of eternal life, which God, who does not lie, promised before the beginning of time,
1:3 walibonakalisa ke ilizwi lakhe ngamaxesha angawalo, ngokuvakalisa endakuphathiswayo mna, ngokommiselo woMsindisi wethu uThixo:	3 and at his appointed season he brought his word to light through the preaching entrusted to me by the command of God our Savior,
1:4 kuTito, umntwana wam wenene ngokwaselukholweni, esinobudlelane ngalo: Makube lubabalo, noxolo oluvela kuThixo uYise, nakuYesu Kristu, uMsindisi wethu.	4 To Titus, my true son in our common faith: Grace and peace from God the Father and Christ Jesus our Savior.
1:5 Ndakushiya eKrete ngenxa yoku, ukuze uhambise ukuzilungisa izinto eziseleyo, umise amadoda amakhulu kwimizi ngemizi, njengoko ndakumisela ngako mna:	5 The reason I left you in Crete was that you might straighten out what was left unfinished and appoint[a] elders in every town, as I directed you.
1:6 ukuba umntu ungongenakumangaleleka, eyindoda yamfazi mnye enabantwana abakholiweyo, abangamiselwa tyala lakuzibhubhisa, abangaswele kuthobela mntu.	6 An elder must be blameless, the husband of but one wife, a man whose children believe and are not open to the charge of being wild and disobedient.
1:7 Kuba umveleli umelwe kukuba ngongenakumangaleleka, njengegosa likaThixo; angabi ngowenza ukuzithandela kwakhe; angabi ngoqumba msinya; angabi ngogeziswa yiwayini; angabi ngumbethi; angabi ngongxamela nzuzo imbi.	7 Since an overseer[b] is entrusted with God's work, he must be blameless—not overbearing, not quick-tempered, not given to drunkenness, not violent, not pursuing dishonest gain.
1:8 Umelwe kukuthi abe ngobuka iindwendwe, umthandi wokulungileyo, onesidima, olilungisa, ongcwele, onokuzeyisa;	8 Rather he must be hospitable, one who loves what is good, who is self-controlled, upright, holy and disciplined.
1:9 ebambelele ezwini elithembekileyo ngokwemfundiso, ukuze abe nako ukuvuselela ngayo imfundiso ephilileyo, nokubohlwaya badane abaphikayo.	9 He must hold firmly to the trustworthy message as it has been taught, so that he can encourage others by sound doctrine and refute those who oppose it.
1:10 Kuba baninzi abathethi bezinto ezingento nabakhohlisi, abaswele intobeko, ngokukodwa abo bolwaluko,	10 For there are many rebellious people, mere talkers and deceivers, especially those of the circumcision group.
1:11 abamelwe kukuvincwa imilomo; abathi izindlu ziphela bazibhukuqe, befundisa izinto ezingafanelekileyo ngenxa yenzuzo embi.	11 They must be silenced, because they are ruining whole households by teaching things they ought not to teach—and that for the sake of dishonest gain.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
1:12 Wathi omnye wabo, kwaumprofeti wakowabo, AmaKrete ahlala engamaxoki, amarhamncwa amabi, amadla-kudla angasebenziyo.	12 Even one of their own prophets has said, "Cretans are always liars, evil brutes, lazy gluttons."
1:13 Obo bungqina buyinene. Ngenxa yeli thuba bohlaye kabukhali, badane, ukuze baphile elukholweni;	13 This testimony is true. Therefore, rebuke them sharply, so that they will be sound in the faith
1:14 banganyamekeli zintsomi zabuYuda, namithetho yabantu abayinikela umva inyaniso.	14 and will pay no attention to Jewish myths or to the commands of those who reject the truth.
1:15 Izinto zonke zihlambulukile kwabahlambulukileyo; kwabadyobhekileyo nabangakhohwayo, akukho nto ihlambulukileyo; kusuke kwadyobheka nengqiqo nesazela sabo.	15 To the pure, all things are pure, but to those who are corrupted and do not believe, nothing is pure. In fact, both their minds and consciences are corrupted.
1:16 Bayavuma ukuba bayamazi uThixo; kanti ngayo imisebenzi bayamkhanyela, bengamasikizi, bengabangevayo, nakumsebenzi wonke olungileyo bengenakucikideka.	16 They claim to know God, but by their actions they deny him. They are detestable, disobedient and unfit for doing anything good.
TITUS 2	TITUS 2
2:1 Ke wena, thetha izinto eziyifaneleyo imfundiso ephilileyo;	1 You must teach what is in accord with sound doctrine.
2:2 ukuba amadoda amakhulu abe ziingcathu, andileke, abe nesidima, aphile elukholweni, eluthandweni, elunyamezelweni;	2 Teach the older men to be temperate, worthy of respect, self-controlled, and sound in faith, in love and in endurance.
2:3 ukuba abafazi abakhulu kwangokunjalo babe nesimilo esibafaneleyo, bangabi ngabatyholi; bangazilahleli kwiwayini eninzi; bafundise okuhle;	3 Likewise, teach the older women to be reverent in the way they live, not to be slanderers or addicted to much wine, but to teach what is good.
2:4 ukuze bayale abafazana ukuba babe nesidima, bawathande amadoda abo, babathande abantwana babo,	4 Then they can train the younger women to love their husbands and children,
2:5 babe nesidima, babe nyulu, basebenze ezindlwini zabo, babe nokulunga, bawathobele awabo amadoda, ukuze ilizwi likaThixo linganyeliswa.	5 to be self-controlled and pure, to be busy at home, to be kind, and to be subject to their husbands, so that no one will malign the word of God.
2:6 Kwangokunjalo amadoda amatsha wayale ukuba abe nesidima.	6 Similarly, encourage the young men to be self-controlled.
2:7 Ezintweni zonke zenze umzekelo wemisebenzi emihle;	7 In everything set them an example by doing what is good. In your teaching show integrity, seriousness
2:8 emfundisweni ube ngomsulwa, ngondilekileyo, ngolizwi liphilileyo, lingenakugwetywa; ukuze ochasayo abe neentloni, engenanto imbi yakuthetha ngani.	8 and soundness of speech that cannot be condemned, so that those who oppose you may be ashamed because they have nothing bad to say about us.

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
2:9 Amakhoboka wathethele ukuba azithobele iinkosi zawo, abe ngakholekileyo kakuhle ezintweni zonke, engaphiki; angashinti;	9 Teach slaves to be subject to their masters in everything, to try to please them, not to talk back to them,
2:10 asuke abonakalalise konke ukuthembeka okulungileyo, ukuze ayivathise imfundiso yoMsindisi wethu uThixo ezintweni zonke.	10 and not to steal from them, but to show that they can be fully trusted, so that in every way they will make the teaching about God our Savior attractive.
2:11 Kuba lubonakele kubantu bonke ubabalo lukaThixo, lulolusindisayo;	11 For the grace of God that brings salvation has appeared to all men.
2:12 lusiqeqesha ukuze sithi, sikuncama ukungahloneli Thixo nokukhanuka okukokwehlabathi, sihlale ngokunesidima, nangokubulungisa, nangokuhlonela uThixo, kweli phakade langoku;	12 It teaches us to say "No" to ungodliness and worldly passions, and to live self-controlled, upright and godly lives in this present age,
2:13 silinde ithemba elinoyolo, nembonakalo yobuqaqawuli boThixo omkhulu, uMsindisi wethu uYesu Kristu,	13 while we wait for the blessed hope—the glorious appearing of our great God and Savior, Jesus Christ,
2:14 owazinikela ngenxa yethu, ukuze asikhulule ngokusihlawulela kuko konke ukuchasa umthetho, azihlambululele abantu abangabakhe, abazondelela imisebenzi emihle.	14 who gave himself for us to redeem us from all wickedness and to purify for himself a people that are his very own, eager to do what is good.
2:15 Ezi zinto zithethe, uvuselele, wohlwaye ngawo wonke ummiselo. Makungabikho namnye ukudelayo.	15 These, then, are the things you should teach. Encourage and rebuke with all authority. Do not let anyone despise you.
TITUS 3	TITUS 3
3:1 Bakhumbuze ukuba bathobele oozilawuli noomagunya, baphulaphule abaphathi, bawulungele wonke umsebenzi olungileyo.	1 Remind the people to be subject to rulers and authorities, to be obedient, to be ready to do whatever is good,
3:2 Mabanganyelisi namnye umntu, bangabi nakulwa, babe nokuthantamisa, bebonakala benobulali bonke kubantu bonke.	2 to slander no one, to be peaceable and considerate, and to show true humility toward all men.
3:3 Kuba nathi sibe sifudula singabasweli-kuqonda, singeva, silahleka, sikhonza iinkanuko neziyolo ngeziyolo, sihleli ngolunya nomona, sinezotho, sithiyana.	3 At one time we too were foolish, disobedient, deceived and enslaved by all kinds of passions and pleasures. We lived in malice and envy, being hated and hating one another.
3:4 Kodwa kuthe kwakubonakala ububele bukaThixo, uMsindisi wethu, nokuthanda kwakhe abantu,	4 But when the kindness and love of God our Savior appeared,
3:5 kungengamisebenzi esebulungiseni esayenzayo thina, kungokwenceba yakhe, wasisindisa ngentlambululo yokuzalwa ngokutsha, nangokuhlaziya koMoya oyiNgcwele;	5 he saved us, not because of righteous things we had done, but because of his mercy. He saved us through the washing of rebirth and renewal by the Holy Spirit,

XHOSA	NEW INTERNATIONAL VERSION
3:6 awamthululayo phezu kwethu ngokobutyebi, ngoYesu Kristu uMsindisi wethu;	6 whom he poured out on us generously through Jesus Christ our Savior,
3:7 ukuze sithi, sigwetyelwe ngobabalo lwalowo, sibe ziindlalifa zobomi obungunaphakade ngokwethemba.	7 so that, having been justified by his grace, we might become heirs having the hope of eternal life.
3:8 Lithembekile ilizwi elo; nezo zinto ndinga ungaziqinisela, ukuze banyameke, benze imisebenzi emihle, abo bakholiweyo kuThixo. Ezo zinto zintle, zinokubanceda abantu.	8 This is a trustworthy saying. And I want you to stress these things, so that those who have trusted in God may be careful to devote themselves to doing what is good. These things are excellent and profitable for everyone.
3:9 Ke yona imibuzo yobudenge, nemilibo yokuzalwa, neenkani, nokulwa ngawo umthetho, zinxweme, kuba azincedi lutho, asinto zanto.	9 But avoid foolish controversies and genealogies and arguments and quarrels about the law, because these are unprofitable and useless.
3:10 Umntu ongumahlukanisi, akuba elulekwe kanye nokuba kukabini, mmangale;	10 Warn a divisive person once, and then warn him a second time. After that, have nothing to do with him.
3:11 usazi ukuba onjalo ugwenxeke kwaphela; uyona, ezigwebile ngokwakhe.	11 You may be sure that such a man is warped and sinful; he is self-condemned.
3:12 Xenikweni ndithe ndathuma kuwe uArtemas, nokuba nguTikiko, khawuleza uze kum eNikopolis; kuba ndigqibe kwelokuba ndobudlulisa ubusika khona apho.	12 As soon as I send Artemas or Tychicus to you, do your best to come to me at Nicopolis, because I have decided to winter there.
3:13 UZenas, umqondisi-mthetho, noApolos, baxhobisele indlela ngokunyameka, ukuze bangasweli nto.	13 Do everything you can to help Zenas the lawyer and Apollos on their way and see that they have everything they need.
3:14 Abethu mabafunde ke ukwenza imisebenzi emihle yokunceda abaswele kanzima, ukuze bangabi ngabangenasiqhamo.	14 Our people must learn to devote themselves to doing what is good, in order that they may provide for daily necessities and not live unproductive lives.
3:15 Bayakubulisa bonke abanam. Babulise abo basithandayo ngokwaselukholweni. Ubabalo malube nani nonke. Amen.	15 Everyone with me sends you greetings. Greet those who love us in the faith. Grace be with you all.